S.R. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (02 May 1936), page 2

**Umfi Dr. W.B. Rubusana**

Njengoko umzi sewuvile ngokusweleka kom Fundisi wase Rabe ose Monti, owaziwa ngokuba ngu Dr. W.B. Rubusana, okunene kunjalo. Lomntu kumzuzu kakhulu egula koko ngenxa yokomelela kwakhe umkhuhlane lo ubungavakali matyhotyhotyho. Ude ke noko walishiya elimiweyo ngomhla we 19 ku Tshazimpuzi lo (April 1936) xa aminyaka ikuma 78.

U Mpilo, kuba lalilelo igama lakhe lika nina noyise, waqala ukulibona ilanga, ezi bhulasini eMnandi, kwisi Thili sase Somerset East, ngomnyaka we 1858, kufuphi emva ko Nongqawuse. Idunyisiwe kakhulu into yokuba waye ngumntan[1]' eqaba, kanti ayiyo nyaniso ngokupheleleyo londawo, - kuba ngmntan' uyise omkhulu u Mbonjana wayengum Khokeli we Bandla lika Kristu eRabe (Independent Church) kwa Nyakanyaka kwisi thili sase Bhofolo. Ikwa dunyisiwe nendawo yokuba ngunyana okanye ngumzukulwana ka Nophanyaza. Kanti u Nophanyaza ligama lomlungu awayekhonze kuye uyise u Rubusana; koko kwathi nge Mfazwe ka Mlanjeni akuba eshiywe neempahla ngumlungu lowo wakhe owaye sabile, suke u Rubusana ayidudule yonke loompahla aye kwela nayo emahlathini ku Maqoma ibe lixhoba. Kuthe ke ukubongwa kwakhe ngamawabo athi, - "Elixhoba lize ne Njomborha yakwa Nophanyaza." Lase lisuka limnamathela ke elogama, eba ngu Nophanyaza.

Unina kaGqira lo ngu Nondika intokazi emfutshane ka Zuzani yasema Gqwasheni, ngu Nomenti elomzi wakhe; u Gqira lo ngowamazibulo kubo. Kuthiwa kwathi ebusaneni bakhe wamana ukwanyiswa kumlungukazi kanina xa axakekileyo unina, ababe ngabadlezana kunye.

Ekufudusweni kwemi Dange ukuza e Ncemerha, emva kwemfazwe ka Mlanjeni, nangenkcithakalo yo Nongqause, uqale apo ke u Dr. Rubusana; ukubona isikolo wathandwa ngumfundisi wemi Dange uRev. R. Birt, wamsa esikolweni eDikeni (Lovedale); wayeqale ukumsa esikolweni eyinkwenkwe eminyaka ili 16, e Peelton apo waqala ukufunda oo "a." Uphume e Dikeni wabayititshala e Peelton (Ncemerha); ute ngowe 1882 wabekwa izandla wangumfundisi. Utshate kweso sithuba nentombi ka Nzanzana Mqhayi, umZima, eyakhe yafunda Pesheya, eDollar Academy; yamzalela oonyana nentombi. Ite yakuba iswelekile watshata nentombi ka Zweni Kashe um Vundlekazi, amshiye enonyana omnye.

[1] ngmntan'

Ubuninzi bezenzo zomfundisi lo ndinga ndingazishiya ngokwanamhla, hleze ndibe iphepha ndilibandezile. Bayazi ke abafundi ukuba umfo lo ngum Cirha wakulo Ntsikana, kwa Qanqolo, kwa Ntswentswe kwa Mhlandlandlovu, -amabandl' angadliwa ntloko.

I Bandla lase Rabe elise Monti lasekwa nguye kwabaNtsundu nabeBala.